

Amagosa Emva Kwe-Eden



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Isa. 22:14–18; 1 Kor. 4:1, 2; Kol. 2:2, 3; Efese 6:13–17; 2 Kor. 5:10.

Indima Yenkumbulo:

“Sithi, njengoko sicikidiweyo nguThixo, ukuba siphathiswe iindaba ezilungileyo, senjenjalo ukuthetha; singangi sikholisa abantu, kuba sikholisa uThixo ozicikidayo iintliziyo zethu” (1 Tes. 2:4).

Umsebenzi wokuqala ka-Adam noEva wawuquka ubugosa. Igadi nayo yonke indalo zazinikwe bona ukuba bazikhathalele (Gen. 2:15), naxa ezo zinto zazingezizo ezabo. Endaweni yoko, babe ngamagosa oko uThixo wayekugcinise kubo. Kule veki siza kuqwalasela kakhulu ukuchazwa kwegosa kodwa emva kokuWa [esonweni], emva kokuba abazali bethu bokuqala baya bagxothwa e-Eden. Oko kukuthi, nathi sikwa ngamagosa, kodwa singamagosa kokusingqongileyo ngendlela eyahlukileyo kuleyo uAdam noEva babekuyo kuqala.

Buyintoni ubugosa? Abanye abantu eBhayibhileni baveza ukuba liyintoni igosa ngendlela ababephila ngayo. Eminye imibhalo ibuchaza ngokucace kakhulu. Xa sithi sibe ngamagosa kaThixo, ukujonga kwethu ehlabathini nakwizinto zalo, esikuxabisayo kuyatshintsha kubheke kuMdali nomsebenzi waKhe. NjengakuAdam noEva, uThixo ugcinise kuthi imithwalo yemvelo yezulu. Kususela ekuWeni e-Eden, phofu, umsebenzi wobugosa uguqukile, kuba kunye nomthwalo wokukhathalela izinto zomhlaba, sikwanikwe nokuba sibe ngamagosa cenyano zasemoyeni.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaFebruwari 3.*

Amagosa KwiTestamente eNdala

Igama “igosa” lona liguqulwe amaxesha ambalwa kwiTestamente eNdala. Kwiindawo ezininzi liphuma kwintethwana ebhekisa kulowo “owongamele indlu,” ingcinga yokulawula inkqubo yendlu; oko kukuthi, “igosa” (Gen. 43:19; 44:1, 4; 1 Kumkani 16:9). Amagosa ayenemithwalo yokuphatha imicimbi yamakhaya nezinto zenkosi yawo, esenza konke ekuthiwa makakwenze. Inkcazo yegosa kwiTestamente eNdala ingafunyanwa ngokuphawula impawu zalo igosa. Amagosa awanako ukwahlulwa kubugosa bawo, kuba bubonisa ukuba angobani [ubuwon].

Ezinye iimpawu zegosa ziyacaciswa kwiTestamente eNdala. Kuqala isikhundla segosa sasinomthwalo omkhulu (Gen. 39:4). Amagosa ayekhethwa ngenxa yezakhono zawo, aze anikwe imbeko nokuthenjwa kubaniniwo ngokwenziwa komsebenzi. Okwesibini, amagosa ayesazi ukuba, oko akugcinisiweyo kokomnini wawo (Gen. 24:34–38). Lo ngumahluko omkhulu kakhulu phakathi kwegosa nomnini. Amagosa ayayiqonda indawo yawo. Okwesithathu, xa amagosa athabathela kuwo ukusebenzisa oko ebe kugcinisiwe, ulwalamano lokuthenjwa phakathi kwawo nomnini babuqhawuka, aze amagosa agxothwe (Gen. 3:23, Hos. 6:7).

Funda: Isaya 22:14–18. Ngexesha lokulawula kukaHezekiya, uShebna wanyulwa ukuba abe ligosa, nomgcini-zimali, izikhundla zegunya ezazibalulekile zozibini. Kwenzeka ntoni kuye ngenxa yokusisebenzisa gwenxa isikhundla sakhe?

“Igosa lizayamisa kakhulu enkosini yalo. Lamkela umthwalo wokuba ligosa, ukuze kufuneke libe sendaweni yenkosi yalo, lenze njengoko inkosi yalo ibiya kwenza ukuba ibikho. Okuthandwa yinkosi yalo kuba kokuthandwa lilo. Isikhundla segosa sesembeko kuba inkosi yalo ilithembile. Ukuba, ngandlel’ ithile lisebenzele eyalo inzuzo, lisebenzise gwenxa ukuthenjwa ebekubekwe kulo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 9, p. 246.

Singakufunda njani ngcono ukuba, ngokwenene, singamagosa ezinto esinazo kobu bomi? Oku kuqonda kumele ukuba nagalelo lithini kuko konke esikwenzayo?

Amagosa KwiTestamente ENtsha

Amagama amabini asisiseko sika“gosa kwiTestamente eNtsha nguepitropos, ofumaneka kathathu, no-oikonomos, ofumaneka kali-10. Omabini la magama achaza izikhundla ezihlanganisa imithwalo yolawulo enikezwe igosa ngumnini. Kuzo zombini eNtsha neNdala iiTestamente, amagosa achazwa ngomsebenzi awenzayo. ITestamente eNtsha ngokukodwa ichaza igosa ngokuba nokuziphendulela (Luka 12:48) nokulindelekileyo (1 Kor. 4:2). ITestamente eNdala, ke yona, ijonge kakhulu ekuvakaliseni ubunini bukaThixo ngaphezu kokuchaza thina ngokuthe ngqo ukuba singamagosa aKhe. Ngaloo ndlela, nangona ingcinga yegosa ifana kakhulu kwiiTestamente zombini, iTestamente eNtsha inaba kwingcamango engaphaya kokulawula nje ikhaya.

Kumzekelo wegosa elingathembekanga (Luka 16:1–15), uYesu uyayandisa inkcazo yegosa. Isifundo saKhe singaphezulu kokuba ligosa elisinda kwintlekele yemali. Uyasebenza nakwabo bazisindisa kwintlekele yasemoyeni ngokubonakalalisa ngobulumko ukholo. Igosa elilumkileyo liya kulungiselela ukubuya kukaYesu kwixesha elizayo, ngaphaya kwalapha nangoku (Mat. 25:21).

Funda: 1 Korinte 4:1, 2; Tito 1:7; no-1 Petros 4:10. Zisixelela ntoni ezi ndima ngamagosa nobugosa?

“Ndingayivulela na intliziyo yam kuMoya Oyingwele, ukuze sonke isakhono namandla avuselelwe, nto leyo uThixo andinikileyo ukuba ndiyigcine? Ndiyimpahla kaKristu, kwaye ndisemsebenzini waKhe. Ndiligosa lobabalo lwaKhe.”—Ellen G. White, *Fundamentals of Christian Education*, p. 301. KuLuka 12:35–48, uYesu usebenzisa isaci “igosa” ngokomfuziselo. Ubalisa ngegosa elilumkileyo elilungele ukubuya koNyana woMntu, aze achaze igosa elingathembekanga elikuncamileyo ukukhathala kuba inkosi yalo ikulibazisile ukubuya kwaYo. Igosa elingathembekanga lijike langqwalalala labaphatha kakubi abo bahleli nalo. Alisesiso isibonelo semisebenzi emihle okanye igosa lobabalo. Xa simamkela uKristu, siba ngamagosa, sibizelwe ukulawula indyebho kaThixo. Ngaphezu koko, kufuneka silawule neenyano zasemoyeni zobomi bobuKristu ukulungiselela izulu.

Funda: Luka 12:45. Kutheni le nto thina singamaSeventh-day Adventists, abantu abasoloko besedabini nengqondo yoku“cotha,” kufuneka sikulumkele ngendlela eyodwa ukuba singawi kule nkohliso?

Amagosa Eemfihlelo ZikaThixo

**Funda: Kolose 2:2, 3 no-1 Timoti 3:16. Yintoni le ezi ndima ziyibona iyi“mfihlelo”?
Into yokuba loo nto iyi“mfihlelo” ithini kuthi ngemida yoko sinokukwazi ngayo?**

UTsofare waseNahama wathi kuYobhi, “Unokufikelela na ezingontsingontsini zikaThixo?” (Yobhi 11:7). Igama “imfihlelo” lithetha [into] edidayo, esitheleyo, engaziwayo, engenakuchazwa, okanye engenakuqondwa. Imfihlelo zikaThixo zibhaliwe esiBhalweni, nangona ukuziqonda ngokupheleleyo kusengaphaya kokuqonda kwethu. Yiyo le nto ziyimfihlelo. Kunje ngokuba sithi thina sibona kufuphi nje, sisuke sikhangele amazulwini sifuna ukubona eyona nto incinane kakhulu. Asingeke sibone kude kangako ngaphandle kokuba uThixo uyayityhila kuthi.

Uthini kuthi uDuteronomi 29:29 ngoko kutyhiliweyo kuthi?

Singamagosa ezinto esingaziqondi ngokupheleleyo. Sazi kuphela kangangokuba kuveziwe kwintyilelo nesiBhalo. Ubugosa bethu obukhulu bobokuba siphile “singabakhonzi bakaKristu, athi singamagosa eemfihlelo zikaThixo” (1 Kor. 4:1). UThixo ufuna ukuba thina, njengamagosa aKhe, sigcine, sifundise, sikhusele, sikhathalele inyaniso yezulu ayityhiliweyo. Indlela esikwenza ngayo oku kukuphelela kobugosa, kwaye kuthetha ukuba sinayo “nemfihlo yokholo esazeleni esihlambulukileyo” (1 Tim. 3:9). Eyona mfihlo inkulu kuzo zonke yeyokuba sonke sinako ukuba naYe uKristu, “ithemba lozuko.” Icebo losindiso lelangasentla kwaye asinako ukuliqonda ngokupheleleyo. Into yokuba uMdali wako konke (Yohane 1:1–3) wehla weza emhlabeni “abonakalaliswe esenyameni” (Ellen G. White, Manuscript Releases, vol. 6, p. 112) nje kuphela ukuba azinikele engumbingelelo ngenxa yezono zoluntu, ethwele imfihlelo, mhlawumbi ezingasayi kuze ziqondwe ngokupheleleyo nasesiphi isidalwa. Neengelosi zizama ukuba ziqonde imfihlo yokuba kutheni aze uYesu eze emhlabeni (1 Pet. 1:12). Sekunjalo, into eziyaziyo ngunobangela wokuba sisonke siyidumise iNkosi ngozuko nokulunga kwaYo (bona IsiTy. 5:13).

Ubizelwe ukuba ube ligosa leendaba ezilungileyo. Loo nto ithetha ukuthi yeyiphi imithwalo evela nje ube nayo?

Amagosa Enyaniso Yomoya

Xa sicinga ngobugosa, sicinga ngezinto eziphathekayo, kwaye oko kulungile. Njengoko phofu, sesibonile, ubugosa buyadlula apho. Njengazo izinto eziphathekayo, izipho ezingaphathekiyo nazo zivela kuThixo. Ezi zinto zingaphathekiyo esinazo uThixo usinika zona (1 Pet. 4:10) ukuze sikwazi, sikuKristu, ukuphuhlisa izimilo zobuKristu sibe ngabantu esinokuba ngabo sikuYe. Ngoko ke, kufuneka siphathe izipho ezingaphathekiyo ngobunono obude bube ngaphezulu kobo beziphathekayo, kuba zinexabiso elingenasiphelo.

Funda: Efese 6:13–17. Yintoni esiyinikiweyo nguThixo esingamagosa ayo? Kutheni ukuphatha kakuhle ezi zinto kubalulekile kakhulu nje kuthi?

“Isibabalo sikaThixo bubomi obungunaphakade” (Roma 6:23). Ilizwe, nako konke elinako, alinako ukusinika ukuhlangulwa esinako kuKristu. Ukuhlangulwa, isipho uThixo asinika sona, yeyona nto ibalulekileyo esinayo. Ukugcina ubunyaniso boku kuhlangulwa phambi kwethu amaxesha onke kusinceda ukuba sigcine indawo yethu ebugoseni bezinye izinto esinazo, esizinikwe nguThixo nazo. “Kuphela ngokukhanya okuphuma eKalvari enokuthi imfundiso yendalo ifundwe kakuhle. Ngebali laseBhetelehem ngomnqamlezo, makuboniswe ukulunga kokoyisa ububi, nendlela ethi yonke intsikelelo eza kuthi isipho sokuhlangulwa.”—Ellen G. White, *Education*, p. 101.

Ukuhlangulwa kokwethu kuba uYesu walihlawula lonke nelokugqibela ixabiso. UPawulos uyibeka ngokucacileyo, xa athi, “Esinayo sikuye inkululeko ngokuhlawulelwa ke kweziphoso zethu, ngokobutyebi bobabalo lwakhe” (Efese 1:7). Igama “esinayo” lithetha ukuba “sinokuhlangulwa.” Kokwethu, kodwa kuphela kuba uThixo esinikile. Kubaluleke kangakanani, ke ngoko, ukuba sigcine “sonke isikrweqe sikaThixo (Efese 6:11), ukuze ongendawo angasihluthi. Kuba indlela ekuphela kwayo anokwenza ngayo kuxa simvumela ukuba akwenze oku, nokuya kwenzeka kuphela xa singathobeli oko kutyhilwe kuthi “elizwini likaThixo” (Efese 6:17). Inkuseleko yethu eyeyona inkulu ingokuthobela, ngokholo, ukukhanya esikunikiweyo.

Funda: kwakhona umaEfese 6:13–17. Sisixhoba njani isikrweqe sikaThixo, kwaye kungaziphi iindlela esingamagosa ako konke esikunikiweyo kweso sikrweqe?

Umthwalo Wethu Njengamagosa

Amagosa alumkileyo achazwa ngokulungela kwawo ukwamkela nokwenza umthetho-siseko wokulungileyo womthwalo wawo. Ukwamkela umthwalo wawo kukukhetha esikwenzayo nezenzo esizenzayo. Aqonda ulwalalamano phakathi konobangela nesiphumo. Ukulungela ukwamkela umthwalo walo igosa kuluphawu olusisitshixo esingenako ukutyeshelwa xa sichaza ukuba liyintoni na igosa, kuba igosa lizicingela lodwa entliziyweni ngokwenza umdla kuMnini walo. Kungoko, intumekelelo enjalo iyeyokukhethwa ekuchazeni ulwalamano igosa elinalo noThixo.

“UThixo ulangazelela ukuzisa abantu kubudlelwane kunye naYe. Kuko konke ukusebenza kwaKhe nabantu, uyawuqonda umthetho-siseko womthwalo womntu. Ufuna ukukhuthaza uluvo lokuxhomekeka komntu nokubethelela emntwini intswelo yakhe yokukhokelwa. Wonke umntu wenziwa igosa lezinto azigcinisiweyo ezingcwele; elowo kufuneka enze oko anikelwe kona ngokomyalelo woMnini; aze elowo anike uThixo ingxelo yobugosa bakhe.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 7, p. 176.

Xa sisiba ngamagosa, umthwalo asisayi kuwutyhalela komnye umntu okanye embuthweni. Uxanduva lomntu ngamnye lukuThixo kwaye luya kubonakalaliswa kuko konke ukusebenzisana nabo basijikelezileyo (Gen. 39:9; bona nakuDan. 3:16). Siya kuwuthabathela kuthi umsebenzi okhoyo kangangoko sinako. Impumelelo emehlweni kaThixo iya kuxhomekeka kakhulu kukholo lwethu nakubunyulu bethu kunasekuhlakanipheni nentalente.

Funda: 2 Korinte 5:10. Siwaqonda njani la mazwi kwimeko yento ethethwa kukuba ligosa elilumkileyo?

Abafunda ngoThixo neengcaphphe zezifundiswa zixoxe iinkulungwane ezininzi umbuzo onzima wentando ekhululekileyo. Sona isiBhalo sicicile: Thina njengabantu sinentando ekhululekileyo nenkululeko yokukhetha. Inginga yokugwetywa zizenzo zethu ayivakali kakuhle. Kungoko, sinomthwalo wethu ngabanye, ngobabalo lukaThixo, wokuba sikhethe ukwenza izigqibo ezilungileyo kuko konke esikwenzayo, oquke nokuba ngamagosa athembekileyo kuzo zonke izinto zeNkosi yethu.

Ingcamango Eyongeziweyo: Igama eliguqulwe ngokuthi “igosa,” kwiindima eziliqela zeTestamente eNdala aliveli kwigama elinye kodwa kwintethwana: asher al bayt, umntu olawula okanye ophethe indlu.” Umzekelo, uGenesis 43:19 angaguqulwa ngokuthi, “Asondela kwigosa lendlu kaYosefu athetha nalo emnyango wendlu.” Ukuba umntu uthabatha usapho oluhlala endlwini njengenxalenye yendlu ngokwayo, yintoni ke ngoko ebalulekileyo emntwini kunendlu yabo? Ngoko ke, igosa ngumntu ophathiswe okanye ogcinise into ebaluleke kakhulu, nangona ingeyiyo eyakhe. Ngeendlela ezininzi, oko kwenza ukuba uxanduva lube lukhulu kunokuba bekuya kuba njalo xa ebepethe izinto zakhe. Le nginga iyaqhubeka nakwiTestamente eNtsha. ITestamente eNtsha ithabatha iingcinga zeTestamente eNdala izihlanganise nezenkulungwane yokuqala iingcinga, iimbongo, namazwi, ize ngoko ityebise, yandise imfundiso yeBhayibhile ngobugosa. Awona magama aqheleke kakhulu esiGrikeni asetyenziswe kulwalamano nobugosa asuka kuoikos no-oikia, ‘indlu.’ Ioikonomia sisibizo esiyinto engabambekiyo, ‘ulawulo lwendlu,’ elintsingiselo yalo ithande ukuba banzi kakhulu.”—*Handbook of Seventh-day Adventist Theology* (Hagerstown, Md.: Review and Herald Publishing Association, 2000), p. 653.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Endaweni yokulwamkela uxanduva ngokutya emthini owalelweyo, wathini uAdam kuThixo akubuzwa ukuba wenze ntoni? Gen. 3:12. Inika umdla kakhulu into yokuba, enye yeempendulo zokuqala eyaziswa sisono kukuzama ukutyhalela komnye ityala lethu. Impendulo yakhe ithini kuthi ngokulungela ukwamkelela kuye uxanduva lwezenzo zakhe? Inokusixelela ntoni thina ngokulungela ukwamkelela kuthi nathi ngokwethu? Singakufunda njani ukuphepha uphawu oluqhelekileyo lokusola abanye ngeempazamo zethu?
2. Eklasini, hlalani kwingcinga yokuba ngamagosa ezinto ezingaphathekiyo kodwa zizezomoya. Kuthetha ntoni oko? Sizi“phatha” njani ezi zinto?
3. Cinga ngezigidimi zeengelosi ezintathu zesiTyhilelo 14:6–12. Zithini iinyaniso ezibalulekileyo ezinikwa apho esiye sanikwa uxanduva lokuba ngamagosa azo?
4. Kutheni le nto kubaluleke kakhulu ukuba sifunde ukuthemba nokukholwa kwizinto zikamoya esingaziqondi ngokupheleleyo? Zeziphi iindlela zehlabathi esiye sithi ngazo sifumaneka sikwenza oko ngamaxesha onke?